

PULA IMVULA

GROWING FOOD • PEOPLE • PROSPERITY



Kunzima ukukhetha eyona mihlanganisela iphucukileyo

KWIXESHA NGALINYE LOKULIMA UMLIMI UFANELE UKWENZA ISIGQIBO NGEMIHLANGANISELA AZA KUYITYALA KWIXESHA ELIZAYO LOKULIMA. UCWANGCISELO OLUCHANEKILEYO NGOKUKHETHWA KWEMIHLANGANISELA KUNGANEGALELO EKUNCI-TSHISWENI KOMNGCIPHEKO FUTHI KUYINXALENYE EBALULEKILEYO YOCWANGCISELO LOKULIMA KOMLIMI.

Abalimi beenkoko basoloko befanele ukwenza izigqibo ezinzima eziya kuba nefuthe kwikamva labo. Esinye sezi zigqibo zinzima kukukhethwa kobekelelo lwembewu yemihlanganisela efanele ukutyalwa.



*Pietman Botha, umbhali
kwiPula Imvula. Thumela i-imeyili
apha, pietmanbotha@gmail.com*

Imihlanganisela yahluka ngokophawu olunye okanye ngaphezulu. Umhlanganisela ngamnye unendlela ethile yokuziqhelanisa neemeko, kanti isakhono sesivuno siquka uzinzo lwezivuno kunye nesakhono sembuyiselo. Ukwahluka-hluka kwemihlanganisela kunika obunye



AMAZWI AVELA... kuDerek Mathews

U NYAKA KA-2020 UBUNGUNYAKA WOBUNZIMA KUZO ZONKE IINKALO YILOO NTO KUMNANDI KUTHI UKUWUBONA UPHELA. ASIFANELANGA NANINI UKUVUMELA AMAXESHA OBUNZIMA UKUBA ASITYHAFISE KODWA SIFANELE UKUZIGCINA IZIFUNDO ESIZIFUNDE NGAWO UKUZE SIZAKHELE IKAMVA ELIPHUCUKILEYO NGAZO.

EGrain SA nathi sibe nalo ixesha lobunzima kunyaka ophelileyo, kodwa ukuzinikela kwethu ekunikeni inkonzo kubalimi akuzange kwaguquka. Okunokuguquka kumaxesha ngamaxesha yindlela yokunika inkonzo kubalimi. Sixhomekeke kwinkxasomali ukuze senze umsebenzi wophuhliso siphumeze iimfuneko zabaxhasi kanti iinkxasomali ezifumanekayo ziguquka ngawo onke amaxesha. Okungaguqukiyo, kukuzinikela okungagungqiyo kweGrain SA kwinkonzo yodidi eyinika abalimi bethu abaphuhlayo. Asinakunikela ngamacebiso okanye sifunzele phambili ngeprojekthi kuphela ngenxa yokuba iinkxasomali zifikile nokuba, umzekelo, zifike emva kwexesha – kwaye ukulima isityalo emva kwexesha kuthetha isivuno esisileleyo. Njengomlimi ndikuqonda kakuhle ukuba kubaluleke kangakanani ukufaka isityalo emhlabeni kodwa ukusoloko sisilela ngenxa yokushiywa lixesha akusincedi ukuba sikhule, endaweni yoko kuseka umkhwa ombi. Kubaluleke kakhulu kuthi balimi ukuba siphumelele ukuze uMzantsi Afrika ube nokutya okwaneleyo.

EGrain SA sisakubona kunzima kakhulu ukufumana inkxasomali karhulumente kuselishesha lokutyala. Andazi ukuba kutheni kunzima kangaka ukuba bakuqonde okudingekayo ukuze umsebenzi wokufama wenziwe kakuhle. Mhlawumbi kufike ixesha lokuba thina balimi siqalise ukuzabalazela ukuba amagosa ethu karhulumente azimamele izicelo zethu.

Inggungquthela yeGrain SA imiselwe iveki yokuqala kuMatshi apho ilizwi lakho lifanele ukuviwa khona, ngoko ke cinga ngabantu ofuna babe ngabameli bakho. Inggungquthela kwakhona lixesha nendawo ofanele ukubeka kuyo zonke izidingo zakho nezimvo zakho kwiajenda yeGrain SA yonyaka ozayo. Lixesha lakho lokuthetha. Abathunywa bengqungquthela basesona siphathamandla siphezulu sombutu. Isigqeba esilawulayo sithatha imiyalelo kuyo kanti iikomiti zifanele ukusoloko ziphendula kwiNggungquthela futhi zisebenze ngokwemiyalelo yengqungquthela. Ngoko ke, lixesha lakho eli, lisebenzise kakuhle. ■

Kunzima ukukhetha eyona...

ubuchule, obunokusetyenziswa ngendlela encomekayo. Izikhokelo ezilandelayo zibalulekile kucwangcisele lwemihlanganisela kwaye zifanele ukugqalwa:

- Ungaze utyale umhlanganisela omtsha okanye ongaziwayo endaweni yalowo uthembekileyo nakweliphi ixesha lokulima. Umngcipheko wokwenza oko uphezulu kakhulu.
- Ukwahluka-hlukanisa imihlanganisela kuyawuthomalalisa umngcipheko. Sebenzisa uthotho lwemihlanganisela, eyahluka-hlukayo ngobude bexesha lokukhula nangezinye iimpawu. Xa imbalela yasesiphakathini sehlobo ithathe ithuba elide ukudubula kweentyatyambo kungaluxhasa umvumvuzelo.
- Imihlanganisela mayiziqhelanise nesakhono sesivuno ekungqaliswe kuso kodwa ifanele ukukwazi ukufikelela kwiimeko zesakhono esandileyo zikwazi ukuba nezivuno esamkelekileyo phofu kwisakhono sesivuno esincitshisiweyo. Imihlanganisela ekwazi ngokubanzi ukuziqhelanisa inganendima phantsi kwezo meko.
- Ngenxa yemihlanganisela emitsha engena kwiindawo zentengiso, indlela yokukhetha imihlanganisela ifanele ukubuyelelwa ngonyaka ngamnye.
- Khumbula ukuba isakhono somhlaba kunye nesakhono solawulo lomlimi ziya kusoloko zinendima ebanzi ekukhetheni imihlanganisela.

UCWANGCISELO LWEMIHLANGANISELA

Imbalwa imibandela ebalulekileyo efanele ukuqatshelwa xa kukhethwa owona mihlanganisela ubalaseleyo iquka umgangatho wesivuno nokuthintela umngcipheko. Kubakho iimpawu zemihlanganisela ngokwezifundo ngomhlaba kunye nezo zibonisa ukukwazi ukunyamezela izifo. Yiloo nto kubalulekile ukuya kwiintsuku zabalimi malunga nemihlanganisela ukuze babone futhi bahlale imihlanganisela eyahluka-hlukileyo. Onke amaqumrhu embewu, umzekelo, afana nePannar, anazo iintsuku zabalimi ngonyaka ngamnye apho yonke imihlanganisela yabo ifumaneka emibonisweni yabo.

Kubalulekile ukuyihlola imihlanganisela eyahluka-hlukileyo ngokwemiqathango ethile umzekelo:

- Umgangatho wesivuno
- Uzinzo lwesivuno
- Isakhono sembuyiselo
- Ubude bexesha lokukhula
- Ukuntshula nesakhono samandla
- Ukunyamezela izifo, izinambuzane nokutshatyalaliswa kokhula
- Uzinziso lomgangatho

Iziko leziTyalo eziziiNkoko iARC (ARC-GCI) ngokuvisisana nama-shishini olimo kunye noshishino lwembewu lizama ukuhlangabeza iimfuneko zabalimi nokuhlola imihlanganisela eyahluka-hlukileyo. Uxanduva lolomlimi ukuba aqale ngokuyivavanya imihlanganisela emitsha okanye engaziwayo phambi kokuyisebenzisa endaweni yaleyo yaziwa ngokubanzi. I-ARC-GCI ipapasha iinkcukacha ngokuhlolwa kwemihlanganisela ngonyaka ngamnye. Ezi nkcukachaa zikwafumaneka kwiwebhusayithi yaseGrain SA, www.grainsa.co.za.

Uncedo olubalulekileyo ngocwangcisele lwemihlanganisela ngamaxabiso anokubakho esivuno, nolufunyenwe kwiinkcukacha ebezikhutshwe malunga negrafu yemihlanganisela ebonisa ukwehla. Amaxabiso anokubakho esivuno athetha ukuba ixabiso lesivuno elinokuthenjwa lomhlanganisela othile ngokwesakhono esithile sesivuno esisesona sincinane, nesinokufunyanwa kumaxesha okulima alithoba kwalishumi. Xa kubalwa amaxabiso anokubakho esivuno isiqhelo sesivuno, umyinge wesivuno nozinzo yimiba ethathelwa ingqalelo.

Kwiitheyibhile zeARC-GCI zeengqikelelo zezivuno kukhutshwe iinkcukacha ezilandelayo. Okokuqala, kuboniswa amaxabiso ezivuno ezinokubakho kumanqanaba ahluka-hlukileyo ezivuno ezinokubakho.

Okwesibini, kuboniswa umyinge wesivuno wemihlanganisela malunga neemvavanyo ezisetyenzisiweyo. Emva koko, isiqhelo sesivuno somhlanganisela sichazwa ngokwethambeka lomgca wokubuya umva. Ukuba ithambeka likhulu ku 1.0, oko kwalatha umhlanganisela wesakhono esiphezulu; xa linganeno ku 1.0 lalatha umhlanganisela onesakhono esiphantsi, kanti ixabiso elikufuphi okanye elilingana no 1.0 lalatha umhlanganisela oziqhelanisa ngokubanzi.

Okokugqibela, uzinzo lwesivuno lwalathwa nge D²-yamaxabiso. Xa i D²-yamaxabiso isondele kwikhamte, umhlanganisela ulindeleke ukuba ube nozinzo ngakumbi kwaye lucingeleke kwangaphambili malunga nempumezo yesivuno, kanti ngokuya iba phezulu i D²-yamaxabiso, siba phezulu nesivuno esahluka-hluka phakathi kwamaxesha okulima.

Umgaqo ofanele ukulandelwa xa kunikelwa ngeengcebiso malunga nemihlanganisela ngokufutshane injengendlela elandelayo:

- Mawubonise ukuba umhlanganisela ufanele ukukhethelwa esiphi isakhono sesivuno. Oku kufanele ukwenziwa ngumlimi. Imiba efana nexesha lemvela lesakhono somhlaba ifanele ukuqukwa.
- Inyathelo elilandelayo kukuzidibanisa netheyibhile yoqikelelo lwesivuno ngokwesakhono sokuvuna esalathiweyo.
- Khetha kwisakhono sesivuno esikhethiweyo loo mihlanganisela yamaxabiso oqikelelo lesivuno esisona siphezulu. Imihlanganisela yamaxabiso angawona aphezulu afanele ukunika umntu ithuba elilelona libalaseleyo lesivuno esinozinzo nesincomekayo. Kunokulandelwa kwayona le migaqo enezakhono zezivuno kuwo omabini amacala esakhono sesivuno esikhethiweyo ukuze kufumaneke icebiso elithembeke ngakumbi.

UKUHLELWA KWEMHLANGANISELA NGOKWAMAQELA AYO

Ukuhlelwa kwemihlanganisela ngokwamaqela kufanele ukwenziwa ngokoqhelaniso lweengingqi ezilimayo nangokwemigaqo esetyenzisiwayo eyiyona ibalaseleyo. Kubalulekile ukukhetha umhlanganisela ofanele iimeko zemozulu zengingqi yakho. Jonga iyunithi yobushushu, yokubila kwezityalo neyokulinyiweyo ngokwezibalo ezisisiseko samaxabiso oqikelelo lwesivuno.

Khetha umhlanganisela okwaziyo ukumelana nezifo kunye nezinambuzane ezikwizingqi yakho. Asibobulumko ukutyala umhlanganisela kodwa, umzekelo, isifo samachokoza angwevu emagqabini sitshabalalise sonke eso sityalo ngenxa yokuba umhlanganisela ukungakwazi ukunyamezela isifo samachokoza angwevu emagqabini.

Umgaqo wokufama osetyenzisiwayo uya kuyikhuphela ngaphandle eminye imihlanganisela. Umzekelo, ukuba ufuna ukuquka ikhemikhali yokhula eyiroundup, qiniseka ukuba umhlanganisela olinyiweyo uyayinyamezela iRoundup. Ukuba akunjalo umbona uya kubulawa yiRoundup.

Ngexesha lokuvuna umbona ufanele ukukwazi ukoma msinyane. Xa umbona uthathe ixesha elide ukoma, oko kuthetha ukuba wena uya kulinda ithuba elide phambi kokuvuna ukuze ugqibe ukuvuna selihambile ixesha. Kwakhona, qwalasela umgangatho wodidi lomhlanganisela. Xa uphucukile lo mba, iya kuncipha ilahleko ngethuba lokuvuna.

Ubude bexesha lokukhula nabo bungumba obaluleke kakhulu. Iqabaka iya kukhokelela kwilahleko enkulu yesivuno. Qiniseka ukuba ubude bokukhula komhlanganisela buya kuhambelana nomhla wokutyala wakho ngokunjalo nomhla wokuqala wokulindeleka kweqabaka.

Kunzima ukukhetha eyona mihlanganisela iphucukileyo. Uze ungoyiki ukucela uncedo. Zidibanise nomthengisi wembewu wendawo yakho ukuze ukwazi ukukhetha umhlanganisela odinga ukuwulima. Kwakhona, xoxa nabo ngowona mgaqo wolawulo ubalaseleyo ofanele ukuwusebenzisa imihlanganisela eyahluka-hlukileyo. Eminye imihlanganisela ihluma nzima kodwa xa kusetyenziswa imigaqo eyiyona ibalaseleyo, izivuno ziyaphucuka kunesiqhelo.

Inzuzo lugqaliselo lomlimi olungundoqo. Thelekisa isakhono senzuzo kwiinkqubo zokufama ezahluka-hlukileyo uze ukhethe imbewu yakho ukwenzela inzuzo ephezulu kangangoko. Ngaphezu kwako konke okuthethiweyo, khumbula, ukubamba ixesha kuya kuba nendima enkulu kwiimpumelelo yakho. Bamba ixesha, lima kwithuba elilelona libalaseleyo ukuze uvune impumelelo.

Ngenxa yokungabikho kwempahla egciniweyo eyaneleyo kubalulekile ukukhetha imbewu yakho nokufaka iodolo msinyane kangangoko kunokwenzeka. Iqumrhu lembewu liya kugcina enye imbewu ofanele ukuyilima. ■



KUBALULEKILE UKUGCINA IYURE ZOKUSEBENZA EZICHANEKILEYO

ABANINZI BASENOKUCINGA UKUBA UKUGCINA UMQULU WEEYURE ZOKUSEBENZA YINTO MHLAWUMBI EFANELE UKUNGAHOYWA KUBA SISONGEZO SOKUGCINWA KWEENGXELO – INKITHAXESHA. NANGONA KUNJALO, ESI SENZO SIFANELE UKUBA BESESISENZIWA, NJENGOKO SINIKA ABAQESHI IZINTO EZILIQELA EZILUNCEDO NGOKO KE SIFANELE UKUBA YINXALENYE YESIQHELO SOMLIMI SOBUNGCALI.

Okokuqala, umntu ufanele ukuqonda ukuba kudingeka ngokomthetho ukuba umqeshi agcine iingxelo zazo zonke iiyure zokusebenza zabasebenzi bakhe, nokuba unomsebenzi omnye kuphela okanye uba mnye ngamaxesha athile okanye ngabasebenzi abangesosigxina bamathutyana athile.

Umthetho oMiselweyo weeMeko ezisisiSeko seNgqesho (BCEA) uxela ukuba abaqeshi mabagcine ingxelo yokusebenza yabo bonke abasebenzi kwincwadi yobhaliso lwabakhoyo emsebenzini, ebizwa ngokuthi, ngamanye amaxesha yingxelo ngamaxesha okanye ngumqulu wamaxesha. Oku kubhekiselele kubasebenzi abaqeshwe ubukhulu becala, ukuba benze imisebenzi yokufama kunye nabasebenzi bamakhaya abenza imisebenzi yamakhaya efama.

Umthetho osentloko ufuna ukuba kugcinwe iiyure zokusebenza yonke imihla futhi umsebenzi ngamnye ufanele ukungqina imvumelwano yakhe ngokusayina. Incwadi yobhaliso lwabakhoyo emsebenzini mayigcinwe iyincwadi okanye ingxalwe ekhompuytheni okanye kusetyenziswe inkqubo yokugcinwa kwexesha ewotshini okanye nayiphi inkqubo yekhompuyutha yohlobo oluthile. Ungakwazi ukuyifumana incwadi yobhaliso lwabakhoyo evenkileni yezinto zokubhala.

Esinye isizathu sokugcina incwadi yobhaliso lwabakhoyo kukuqinisekisa ukuba umsebenzi akasebenzi iiyure ezingaphezu kwezimiselwe ngokomthetho omiselwe malunga nabasebenzi. Ummiselo weeyure zokusebenza ukwajoliswe ekuphuculeni imeko yempilo nokhuseleko lwabasebenzi ngokufumana amathuba awaneleyo okuphumla.

Kulula ukuba iimpikiswano malunga nentlawulo yemivuzo engachanekanga zikhokelele kungqzulwano. Khumbula ukuba, abasebenzi abanganelisekanga bangade baxele iziganeko zokungaphathwa ngendlela efanayo kwabasebenzi kwiCCMA. Ukuba umhloli wabasebenzi ovela kwiSebe leNgqesho nabaSebenzi uyakutyelela, incwadi yobhaliso lwabakhoyo (incwadi yabakhoyo) iya kuba lolunye lwamaxwebhu okuqala olufanele ukuhlolwa. Ukungakwazi ukuyikhupha le ncwadi yobhaliso kuya kukhokelela kwinyathelo eliya kuthathwa lokukubeka ityala.

Siyazi ukuba ukugcinwa kwencwadi yobhaliso lwabakhoyo akwamkeleki kakuhle, kodwa masizame ukukubona ngendlela enika ithembar – kaloku ngumnqweno wakho ukuba ngumlimi oyingcali.

OKULUNCEDO NGENCWADI YOBHALISO LWABAKHOYO

Olunye uncedo olukhulu lokugcina incwadi yobhaliso lwabakhoyo kukukhuthaza ubudlelane obufanelekileyo bentsebenziswano nokuthintela ungqzulwano olungeyomfuneko nolonakalisayo. Sekuxelwe ngokubanzi ukuba uluvo lwabasebenzi lunefuthe elikhulu olukhulu kumgangatho wokusebenza.

Ingcali yaseUS ngokuziphatha komntu uFrederick Herzberg yahlule imiba enika inkuthazo kubasebenzi ngokwamaqela amabini – imiba ekhuthaza ngenene kunye nemibandela yohlambululo. Imizekelo yemibandela yohlambululo yimivuzo, iimeko zokusebenza, ulongamelo kunye nokhuselelo lwemisebenzi. Ukuqwalasela le mibandela kubume obungqonge umsebenzi kubalulekile kuba xa abasebenzi benganeliseki ngale mibandela okanye nokuba mnye, basuka babe noluvo olunganiki themba. Iingxaki



**Marius Greyling, Umbhali
kwiPula Imvula. Thumela i-imeyili
apha mariusg@mcgacc.co.za**

ezimalunga nemivuzo zibaluleke kakhulu kwaye kufuneka zinikwe ingqalelo ngokuchanekileyo. Ukugcina incwadi yobhaliso lwabakhoyo ngendlela efanelekileyo kuqinisekisa ukuba abasebenzi bayayifumana intlawulo yabo futhi kuphinda kuncede ngokukhuthaza ubudlelane bentsebenziswano obuncomekayo. Uluvo olunika ithemba lukhokelela ekubeni abasebenzi bazinikele ekusebenzeni ngenkathalo nokuba babe ngabasebenzi abathe-mbekileyo. Isiphumo – ngumgangatho wokusebenza ophucukileyo.

Eminye imiba eluncedo ibandakanya:

- Umqeshi unokuyonga imali aphucule neenzuzo zakhe xa zibalwa ngokuchanekileyo iiyure ezisetyenziweyo. Oku ke ngoko kungathintela ukugqithiswa kwentlawulo ngenxa yokubhalwa okungachanekanga kweeyure zokusebenza. Qaphela ukuba kungenzeka kube sisixa semali esikhulu esibandakanyekayo. Umba wemivuzo uqhele ukuba ngomnye wemiba eneendleko eziphezulu zeshishini.
- Nanini xa kukho amathandabuzo ngeeyure zokusebenza, umqeshi unokuya kwincwadi yobhaliso lwabakhoyo njengobungqina beeyure zokusebenza ezichanekileyo ezibalwe kakuhle nemivuzo ehlawulwe kakuhle. Khumbula ukuba umsebenzi ufanele ukuzingqina ezi ngxelo yonke imihla ngokuzisayina. Abaqeshi bacetyiswa ukuba bazigcine ezi ngxelo kwithuba elingangeminyaka emithathu obona buncinane, nje-ngo umsebenzi enokuxela kwiCCMA nayiphi ingxabano malunga nokuhlululwa kwithuba leminyaka emithathu emva kokuyifumanisa ukuze kufumaneke uxolelwaniso.
- Umqeshi unokusebenzisa iinkcukacha ezigcinwe kwincwadi yobhaliso lwabakhoyo xa eyila iziliphu zeentlawulo, xa esenza ucwangciselelo lokutshintsha iindawo zokusebenzela, xa eqwalasela umgangatho wokusebenza, naxa efumana ingqiqo ngefuthe leeyure zokusebenza kwimpilo nakukhuseleko lwempilo yomsebenzi.
- Mhlawumbi sowubonile ukuba incwadi yobhaliso lwabakhoyo iluxwebhu olubaluleke kakhulu ekusonjululweni kweengxabano nongquzulwano olunokubakho ngendlela enobuhlobo.
- Kwakhona iincwadi zobhaliso lwabakhoyo ziya kuphucula unxibelelwano phakathi komqeshi nom(aba)qeshwa. Iinkcukacha ezichanekileyo zisoloko zingamatye okwakha unxibelelwano olufanelekileyo.
- Ngaphezu kwako konke, ukugcinwa kwazo zonke iiyure zokusebenza encwadini yobhaliso lwabakhoyo ngendlela efanelekileyo kuya kunceda ekuphuculeni ulawulo lwabasebenzi bakho ngokufezekileyo. Ngokunjalo, uphila ngokuthobela imithetho yolawulo lwabasebenzi.
- Akukho sidingo sokuzikhuthaza ngokuhlolwa liSebe leNgqesho nabaSebenzi.

ISIPHETHO

Ukugcinwa nokulawulwa kweengxelo ngeendlela ezifanelekileyo kungaba nefuthe elinika ithemba kwiinzuzo zakho ngokulondoloza imali yakho kunye/okanye ngendlela engangqalanga ngokuphucula umgangatho wokusebenza ngenxa yobudlelane babasebenzi obuphuculweyo. Khumbula isicwangciso sethu esisiseko: Inzuzo/ilahleko = ingeniso – iinkcitho okanye iindleko. Ngoko ke, nokuba yintoni oyenzayo okanye ongayenziyo efama inefuthe kwiinzuzo zakho. Gcina iingxelo ezifanelekileyo ukuze ube yintshatsheli yomlimi. ■

Ulonandolozo olulungileyo lwetrektara

Iugala emehlweni akho

ESINYE SEZIGANEKO ESINGUMNGENI OMKHULU NESINEENDLEKO EZIPHEZULU KWIZIGANEKO ZEMIHLA NGEMIHLA ZABALIMI KUXA KUKHO OOMATSHINI ABAPHUKA NGEXESHA LOKUSEBENZA EMASIMINI. UKWAPHUKA KOOMATSHINI NANINI NA KUNGACHAPHAZELA UMGANGATHO WAKHO WOKUSEBENZA NENGENISO.

Luninzi ulondolozo olunokwenziwa kwiinyanga ezithande ukungabi nangxakeko, kaloku njengoko usitya, ulala futhi uhlamba namazinyo akho yonke imihla ukuze ulondolozwe impilontle yakho, kukho izinto ezithile ezifanele ukuba yinxalenye yeziqhelu zolondolozo lwemihla ngemihla loomatshini bakho.

Kubalulekile ukukhumbula ukuba izinto ezine ezidingwa yitrektara ukuze isebenze:

- idizili;
- umoya;
- ukuyithambisa ngamafutha; ngokunjalo;
- inkqubo yokupholisa amanzi.

IDIZILI

Ukuba uqhele ukuzalisa iitanki zakho zamafutha okubasela ukususela kweyamanzi ifanele ukucoceka. Nangona kunjalo, abalimi abaninzi bazalisa 'iziguphu' ngamafutha okubasela baze bazalise iitrektara zabo emngciphekweni wentsimi apho zisebenza khona. Kubaluleke kakhulu ukuqinisekisa ukuba izikhongozelo ezisetyenziswayo zicoceke ngengqibeko. Ukuba idizili ingcoliswa kukungcola nayintsila, izihluzi ziya kungcoliseka. Ukuba izihluzi azitshintshwa rhoqo, uya kuba semngciphekweni wokonakalisa injini. Amafutha okubasela angcolileyo achaphazela izitofu zetrektara. Injini ayisayi kusebenza ngesakhono sayo esipheleleyo. Kuneendleko eziphezulu kakhulu ukulungisa okanye ukutshintsha izitofu. Isitofu sitshiza amafutha okubasela kwiisilinda ngamandla oxinzelelo aphezulu kakhulu. Xa izitofu zisonakala, usenokuba nengxaki mhlawumbi yokufaka amafutha okubasela amaninzi – okanye anganeno.

UMOYA

Izicoci zomoya zidinga ukucocwa rhoqo ngomoya okuxinzelelo oluphezulu, kodwa zingacocwa kuphela kumaxa ambalwa phambi kokutshintshwa. Oku kuthintela ukuvaleka kwazo kuba xa izihluzi zakho zimdaka zinqanda umququqelo womoya ofanele ukungena kwinjini, ukuze oko kuchaphazele ukuduma kwenjini. Uthuli olukwinjini lonakalisa iibheringi neeringi ukuze oko kubangele ukuba itrektara isebenzise ioyile egqithisileyo.

Umlimi uJohn uthi: 'Qwalasela isihluzi sakho somoya kwicala elingaphakathi, uze uphakamise ukukhanya ukuya ngaphandle. Ukuba ubona isixa esilungileyo sokukhanya, oko kuthetha ukuba isihluzi sakho somoya silungile. Ukuba ukukhanya akwanelanga okanye xa ungakuboni kwaphela, tshintsha isihluzi kwangoko. Yenza isicwangciso sokuqwalasela isihluzi somoya qho emva kweeyure ezisibhozo; futhi kube kaninzi ngakumbi ukuba usebenza kwiimeko ezingcole kakhulu.' Abanye abalimi enyanisweni balandela ngokuzibhala iiyure ezisetyenzwe kwizihluzi zeoyile nezomoya.



Jenny Mathews, umbhali kwiPula Imvula. Thumela i-imeyili apha jennymathews@grainsa.co.za

UKUTHAMBISA

Ioyile ngumthombo wakho ongundoqo wokuthambisa injini. Ioyile ifanele ukutshintshwa ngamathuba athile acwangciselweyo –phantse qho emva kweeyure ezingama-300 zokusebenza. Umqhubi wetrektara ufanele ukuba noqeqesho lokuqwalasela amanqanaba eoyile yonke imihla. Amanqanaba aphantsi eoyile, mhlawumbi ngenxa yokuvuza kweoyile okanye iiringi ezikhuthukileyo ezinyanzela ukuba itrektara isebenzise ioyile ethe kratya, ziya kukhokelela endlaleni yeoyile ukuze ekugqibeleni inikezele injini. Le meko iya kubangela ukuba injini igujululwe iphelele ngeendleko eziphezulu. Isihluzi seoyile masitshintshwe qho xa kutshintshwa ioyile.

INKQUBO YOKUPHOLISWA KWAMANZI

Izixhobo ezisentloko kwinkqubo yokupholisa yiradiyetha, impompo yamanzi, imibhobho yerabha namabhanti okujikelezisa umoya ukuze aqhube izixhobo zokujikelezisa umoya napholisa injini. Naliphi iqhagamshela elibuthathaka nakwawaphi kula lingabangela ingxaki. Iradiyetha evuzayo iya kukhokelela ekuvuzeni kwamazi futhi injini iya kuba shushu kakhulu mhlawumbi ide inikezele – kude oko kukhokelele ekugujululweni kwenjini ngokupheleleyo.

Impompo yamanzi inebheringi ezifanele ukuqwalaselwa nokuthanjiswa ngamafutha. Imibhobho yerabha nayo mayiqwalaselwe rhoqo njengoko isenokonakala ngokunjalo ivuze. Le yindlela eneendleko eziphantsi nekhawulezayo yokulungisa ukuze kuthintelwe umonakalo omkhulu. Ikwayimfuneko ekuqinisekiseni ukuba iiklempu ezingqonge imibhobho ziqine kakuhle. Amabhanti okujikelezisa umoya ayanwebeka aze onakale emva kwexesha. Ukuqina kwebhanti kufanele ukuqwalaselwa rhoqo ukuqinisekisa ukuba akukho nto iphuncukileyo nokuqinisekisa ukuba isijikelezisi somoya sijika kakuhle.

YENZA ULONDOLOZO LUBE YINXALENYE YESIQHELO SAKHO


Asinakukwazi ukuwabetha ngoyaba nawaphi amanyathelo kwiinkqubo zethu zolondolozo xa sicinga ngeemali ezinkulu esizihlawulela ukufumana iitrektara zethu noomatshini bethu. Owona mgaqo ubalaseleyo malunga nolondolozo kukubamba isiqhelu.

Thatha ixesha lakho uzihlanise wena nabasebenzi bakho nolondolozo lukamatshini okanye isixhobo ngasinye, chonga iindawo ezibulaleke kakhulu, ezifana neebheringi namabhanti ukuze uzenze zibe nentshukumo kwaye zisebenze ngendlela ezifanele ukusebenza ngayo. Kuqheleke ukuba owona mgaqo ubalaseleyo malunga noqwalaselo lomsebenzi kukuba ube nesiqhelu soqwalaselo 'lwaphambi kokusebenza'. Faka esi siqhelu kubo bonke abasebenzi bakho.

Kwenze kube ngumthetho ukuba phambi kokuba nayiphi itrektara okanye umatshini angene entsimini kuqwalaselwe ukuba:

1. Konke kunamafutha okubasela.
2. Konke kuthanjiswe ngamafutha.
3. Amathayara aqwalaselwe.
4. Ioyile iqwalaselwe.
5. Zonke iindawo ezinentshukumo zijikeleziswe kakuhle.

Konke kumalunga nokunqanda ingozi ingekehli ukuze kulondolozwe ixesha nemali ebudeni bexesha elide. ■



Ifoto: John Mathews

Izihluzi zetrektara zidinga ukutshintshwa rhoqo.

ABALIMI ABAKWAZI KULAWULA IMOZULU, BENGALO NEFUTHE NOKUBA LINGAKANANI KUNQONGOPHALO LOZINZO KWIINDAWO ZENTENGISO, NGOKO KE, UKUTHENGISWA KWEENKOZO NGUMBA OSENTLOKO KWISAKHONO SENZUZO YEFAMA NOKULAWULA IMINGCIPHEKO.

Imozulu ibintle kwiindawo ezininzi zehlabathi kwixesha lokulima lango-2019/2020, zaze zaba ntle izivuno zeemveliso. UMzantsi Afrika ube nesityalo esifezekileyo kunyaka ophelileyo kanti nakulo nyaka sinethemba lesityalo esithe kratya. Njengesiphumo, intengiso ibaluleke ngakumbi kulo nyaka. Kukwabalulekile kwakhona ukuba abalimi baziqonde izizathu nendlela intengiso echaphazela ngayo ulawulo lwabo lwemingcipheko phambi kokuzifaka zwabha.

Abalimi mabakuqonde ukuba isicwangciso-cebo sentengiso esiphumelelayo sifuna ukuzinikela kwisicwangciso sokuthengisa esingafani nezinye, nesisekwe kwizidingo zefama ethile. Okubaluleke kakhulu kwimpumelelo kukuzibandakanya ngamandla kuyo yonke imibandela yentengiso, oko kuthetha ukuqokelela iinkcukacha ngentengiso, ukuhlalutya iziqhelo zentengiso, ukulungisa isicwangciso nokuphumeza isicwangciso. Kukho imijelo eyahluka-hlukileyo yentengiso engqalileyo efunyanwa ngabalimi, enokwahlula-hlulwa ngokwemijelo yentengiso kutshintshiselwano olungenazingqikelelo nangokwemijelo yentengiso kutshintshiselwano oluneengqikelelo. Eli nqaku liza kujoliswa kwelidlulileyo ukuze icandelo lesibini lijoliswe kweli.

INTENGISO YOTSHINTSHISELWANO OLUNGENAZINGQIKELELO

Iintengiso zokufumana ikheshi

Ezi ziindawo apho iinkozo zinokuthengiselwa ukufumana ikheshi khona ngqo emva kokuvuna ngaphandle kwekhontrakthi. Abathengi baquka ummelwane, umsili wendawo, imbumba, abarhwebi beenkoko okanye nawuphi umntu onomdla wokuthenga iinkozo. Lo mbona unokuthengiswa mhlawumbi ungaguqu-guqulwanga okanye sowusilelwe umthengi, ngeengxowa okanye ngezixa ezikhulu. Intlawulo ifumaneka yakusiwa imveliso. Ixabiso lisekwa kwimiba yentengiso nentengo kwingingqi ethile kanti linokwahluka-hluka yonke imihla. Kubalulekile ukuba abalimi bafikelele kumaxabiso eSafex ngokunjalo nakwiingcebiso ezivela kumagosa esolulo, abacebisi okanye kwamanye enkxaso.

Ukugcinwa kwempahla

Ukugcinwa kwempahla yinxalenye yesicwangciso-cebo sentengiso afanele ukusisebenzisa umlimi. Umlimi unokuwugcina umbona efama ukuba unazo izinto zokuwugcina nokuba kukwimbumba ekufutshane, kodwa ahlawule. Ngoko ke, isicwangciso-cebo sisebenza kakuhle xa amaxabiso ephantsi kantsi imveliso inokugcinelwa ukuthengiswa kwixesha elizayo xa amaxabiso enyukile noko. Oku kufuna ukuba umlimi abe nolwazi ngeengqikelelo zesityalo nangeengqikelelo zamaxabiso. Mazigqalwe iindleko zokugcinwa nokuthuthwa kwemveliso ukwenzela esi sicwangciso-cebo. Inzala nayo inendima enkulu kwesi sicwangciso-cebo; iindleko eziphambili zokugcina iinkozo zikwaziindleko zenzala kwimali etyalwe kwiinkozo nenokutyalwa kwenye indawo okanye kwinzala ehlawulelwa imali ebolekelwe ukugcina iinkozo.


Iikhontrakthi ezikhokeliswayo

Umlimi makathi zisakhula izityalo emasimini, ayithengise imveliso yakhe ngekhontrakthi ekhokeliswayo. Ukuze kubekho ukuqiniseka ngezi zixa zombona, abathengi mabenze iikhontrakthi ezinokufumaneka ngokwezidingo zabo. Abathengi abafana nabasili, iimbumba, abezondlo zemfuyo nabathengisa emazweni angaphandle bayazisebenzisa iikhontrakthi ezikhokeli-



Ikageng Maluleke, Ingcali yezoQoqosho kulimo, eGrain SA. Thumela i-imeyili apha ikageng@grainsa.co.za

1 Imijelo yentengiso engenazingqikelelo zotshintshiselwano.



Umthombo weenkukacha: I-NDA yangaPhambili

swayo. Ixabiso lekhontrakthi ekhokeliswayo linako nokwahluka ngokwemihla ngemihla, oko kuxhomekeke kwinto eyenzeka kwiindawo zentengiso. Umnini kwekhontrakthi ekhokeliswayo unako ukuthengisa imveliso yakhe ngokwexabiso lekhontrakthi elisetyenziswayo, kungakhathaliseki ukuba lithini ixabiso elikhoyo kwindawo yentengiso ngomhla wesivuno. Abalimi bafanele ukuzazi iimpawu zekhontrakthi ezahluka-hlukileyo ezinokufunwa ngabathengi abahluka-hlukileyo.

Abalimi bafanele ukugqala okulandelayo xa besebenza ngeekhontrakthi ezikhokeliswayo:

- Ixabiso elisisiseko njengoko lixeliwe kwikhontrakthi.
- Isixa nodidi olufuneka ngekhontrakthi ethile ngokunjalo namaxabiso abekwa ngokokuphucuka kodidi lombona.
- Umhla nendawo yokusiwa kwempahla ngokunjalo nendlela yokuhlalulwa.
- Umlimi makawazi ukuzihlangabeza iimpawu zekhontrakthi kungenjalo ukuba zithini iimeko zokungasiwa kwemveliso ngokwekhontrakthi.

Iindleko zokuthengisa ngokomgaqo wentengiso yotshintshiselwano olungenazingqikelelo

Uthutho luyinxenye enkulu yeendleko zomlimi zokuthengisa kwaye lwahluka-hluka ngokomgama, uhlobo lothutho nangezixa ezithuthwayo. Nangona ixabiso linokufikeleleka, iindleko zothutho zisenokutshintsha izinto. Uthutho lwempahla yezixa ezikhulu lukholisa ukuba neendleko eziphantsi xa kuthlekisa nemithwalo emincinane, ngoko ke abalimi abanezixa ezincinane banokucinga ngokuhlanganisa imveliso yabo neyabamelwane babo ukuze isive kunye. Kubalulekile ukuba abalimi baziqonde iimeko zokuhlalulwa uthutho. Abanye abathengi banikela ngothutho baze bathabathe iindleko ezo kumaxabiso ahlawulwa abalimi. Ixabiso lombona likholisa ukuchazwa njengamaxabiso angaquki-sisele, oko kuthetha ukuba umlimi ufanele ukuhlawulela iindleko zesisele. ■

Le NKQUBO YOPHUHLISO LWABALIMI imalunga nabalimi nokulima

INKQUBO YASEGRAIN SA YOPHUHLISO LWABALIMI INE-NJONGO YOKUBA NEGALELO KWIPHUPHA LECANDELO LOLIMO ELIMANYENEYO NELINENKQUBELA. NGAXE-SHANYE SIFANELE UKUHLANGABEZA UBUKHO BOKUTYA OKWANELEYO NOLAWULO LOKUTYA, UKUFakwa KWENGENISO MALUNGA NABO BALIMI BANOFIKELELO EMHLABENI, UKHUSELO LWEMITHOMBO YONCEDO EYINDALO NOKUDALWA KWAMATHUBA EMISEBENZI. SISIKELELWE NGOKUSEBENZA KWELI CANDELO, NGENXA YESAKHONO SALO SOKUBA NEGALELO KUZO ZONKE IINTSIKA ZOPHUHLISO LWASEMAPHANDLENI.

Sisebenzisa umgaqo onamacala amaninzi kwaye sinamaqonga aliqela esiwasebenzisela ukuhlanguka nabalimi, ukuchonga izidingo kumaqela ahluka-hlukileyo abahlali apho sisebenza khona nalapho sigqithisela phambili khona izakhono zobuchule nolwazi. Ingcali yonxibelelwano lophuhliso uNora Cruz Quebral ithi: 'Injongo yonxibelelwano lophuhliso kukuhubela phambili uphuhliso. Oku ke ngoko ngumsebenzi wonxibelelwano lophuhliso: Ukunikela ngolwazi nenkuthazo kumanqanaba esizwe, awamacandelo naweeprojekthi. Umsebenzi wonxibelelwano lophuhliso uyinkqubo yophuhliso ngokwawo.'

Asingabo bonke abalimi abakwinqanaba elinye. Abanye ngabalimi abalimela ukuziphilisa abanqwenela ukukhula, abanye bafuna nje ukuba nokutya okwaneleyo kokondla iintsapho zabo kanti abanye banqwenela ukuba ngabalimi abarhwebayo nabasunguli bamashishini abanemfezeko kwitsheyini yezinto ezixabisekileyo. Asinacalu-calulo. Sinceda umlimi kwihektare e-1 okanye kwihektare ezili-100. Sinenjongo yokuzidibanisa nabalimi beenkozi kwiindawo abakuzo, size sihambe nabo ukuya kwiimpumezo abagqalisele kuzo. Ukuze sikwenze oku sisebenzisa iqela lezicwangciso-cebo ezahluka-hlukileyo esizigcina kwibhokisi yethu yezi-xhobo zokusebenza.

- Abalimi baseMzantsi Afrika baba ngabanini bomhlaba okanye bafikelele kuwo ngokusebenzisa amalungiselelo ahluka-hlukileyo okuqeshisa.
- Injongo yaseGrain SA yeNkqubo yoPhuhliso lwabaLimi kukuxhobisa abalimi ngabanye ngokuba bakwazi ukusebenzisa umhlaba abafikelela kuwo, kangangoko kunokwenzeka.

Umsebenzi ngamnye owenziwa kule nkqubo ulunga-lungiswa ngenjongo yokudlulisela phambili ulwazi nezakhono zobuchule; kanti ingulowo uyilelwa abalimi abaninzi kangangoko kunokwenza.



Umlimi uHarry Khumalo ufumene imihlaba emitsha waze wacela umcebisi uChris de Jager ukuba amncedise ngokuhlalutywa kwemihlaba ngokunjalo ufanele enze isigqibo ngokuba ingaba ifanelekile na ukuba ingalinywa kweli xesha lonyaka (13 Novemba 2020).



Jenny Mathews, umbhali kwiPula Imvula. Thumela i-imeyili apha jennymathews@grainsa.co.za

KUKHO NTONI EBHOKISINI YETHU YEZIXHOBO ZONXIBELELWANO?

Imisetyenzana yophuhliso esentloko yenzeka apha:

1. **lintlanganiso zamaqela ofundonzulu** apho amaqela amancinane abalimi kwingingqi ethile enofikelelo kwiinkcukacha nakumacebiso obungcaphephe avela eGrain SA anxulunyaniswa ngusihlalo wendawo.
2. **limvavanyo zemiboniso** ezilungele ingingqi – Uphando ngokwenzululwazi lubonise ukuba abalimi bafunda ngokubalaseleyo xa bezibona ngamehlo izinto, endaweni yabo – ngako oko kuba lula ukutshintshela kwimigaqo yokufama encomekayo ngothakazelelo.
3. **lintsuku zabalimi** zilungiselelwa ngenjongo yokuza nabalimi ukuze babone iiplothi zovavanyo ngokunjalo bafunde nakwiingcaphephe ezivela eGrain SA nakushishino.
4. Inxaso enikwa **abalimi ngabanye** – Kuye kwachongwa isidingo sokunika inkxaso kubalimi asebehambele phambili nasebhule badlula kwibanga lamaqela ofundonzulu futhi babe sebeqhuba umsebenzi wokufama ngokuzimela, kodwa kube kucacile ukuba baya kuxhamla kumacebiso abanzi anikwa ebudeni bonyaka ibe ngumntu-yedwa-nomcebisi.
5. **Imagazini yePula Imvula** sisixhobo esiphumeza usasazo olubanzi lweenkcukacha ezibalulekileyo futhi yimagazini engqaliswe kuphuhliso lwabalimi yecandelo ekuphela kwayo nepapashwa ngeelwimi ezintlanu zaseMzantsi Afrika.
6. **Uqeqesho** – Izifundo zilungiselelwe uphuhliso lwabalimi futhi zinxulumanisa izifundo nokwenziwa komsebenzi apho abalimi basebenzisa izandla zabo.



UWerner Vos ubonisa ukuthathwa kweesampulu zomhlaba (13 Okthobha 2020).

Iqela labahleli

GRAIN SA: PRETORIA

PO Box 74087
Lynnwood Ridge
0040
■ 08600 47246
■ www.grainsa.co.za

UKUMISELWA KWABAHLELI

Liana Stroebel
■ 084 264 1422 ■ e-Ofisini: 012 943 8285
liana@grainsa.co.za

UMAHLELANE KUPAPASHO

INFOWORKS
Johan Smit ■ Louise Kunz ■ Elizma Myburgh
Joritha Hechter
■ 018 468 2716 ■ johan@infoworks.biz



INkqubo yeGrain SA yoPhuhliso lwabaLimi

ABAQUZELELI BOPHULISO

Johan Kriel
Free State (Ladybrand)
■ 079 497 4294 ■ johank@grainsa.co.za

Jerry Mthombothi
Mpumalanga (Nelspruit)
■ 084 604 0549 ■ jerry@grainsa.co.za
■ e-Ofisini: 012 943 8289 ■ Smangaliso Zimbili

Jurie Mentz
Mpumalanga/KwaZulu-Natal (Louwsburg)
■ 082 354 5749 ■ jurie@grainsa.co.za
■ e-Ofisini: 012 943 8218

Graeme Engelbrecht
KwaZulu-Natal (Dundee)
■ 082 650 9315 ■ graeme@grainsa.co.za
■ e-Ofisini: 012 943 8287 ■ Nkosinathi Mazibuko

Luke Collier
EMpuma-Koloni (Kokstad)
■ 083 730 9408 ■ luke@grainsa.co.za
■ e-Ofisini: 012 943 8280 ■ Luthando Diko

Liana Stroebel
ENTshona-Koloni (Paarl)
■ 084 264 1422 ■ liana@grainsa.co.za
■ e-Ofisini: 012 943 8285 ■ Hailey Ehrenreich

Du Toit van der Westhuizen
North West (Lichtenburg)
■ 082 877 6749 ■ dutoit@grainsa.co.za
■ e-Ofisini: 012 943 8290 ■ Lebo Mogatlanyane

Cwayita Mpotyi
Mthatha
■ 078 187 2752 ■ umthata@grainsa.co.za
■ e-Ofisini: 012 943 8277

IPULA IMVULA IFUMANEKA NGEELWIMI EZILANDELAYO:

isiXhosa, IsiNgesi, iSeTswana, iSesotho nesi IsiZulu.

Articles written by independent writers are the views of the writers and not that of Grain SA.

Le nkqubo yophuhliso lwabalimi...



Umcebisi uChris utyelele umlimi uLucky Khumalo ukuze abone inkqabela yokulima kwabo iimbotyi zesoya (26 Novemba 2020).

UGQALISELO LWENYANGA: AMATHUBA OTYELELO LWEEFAMA

Ku-Okthobha nakuNovemba

Ku-Okthobha nakuNovemba ngo-2020, njengoko abalimi bebelungiselela ixesha lokulima lasehlotyeni, abaphathi nabacebisi bethu babe namathuba otyelelo ali-**154 ukuya kubalimi** abangama-**46** abafumana amacebiso omntu-yedwa-nomcebiso.

Iingxelo ezivela kubacebisi zinengqiqo enzulu kwaye ziyasiqinisekisa ngokuthi inkxaso ebalulekileyo inegalelo ekukhuleni nasekuphuhliseni kwabalimi.

- Umcebisi uChris de Jager usebenza noGraeme Engelbrecht kwiofisi yaseDundee unike ingxelo emva kokutyelela **umlimi uKB Mazibuko**: “Ndinikele ngeekhemikhali zokutshiza malunga nokutsha. Umhlaba umanzi kanti ukhula lukhula ngokukhawuleza futhi iimeko zikulungele ukutshiza.”
- Emva kokutyelela **umlimi uSE Mthethwa**, uthe: ‘uSabatha uqhuba kakuhle kakhulu apho alime khona izityalo. Siye saxoxa ngokuthi angafakela ziphi iikhemikhali zokutshabalalisa ukhula malunga nokutsha njengoko kubonakala ngathi olunye ukhula kule ndawo luphuhla isakhono sokumelana neRoundup.’
- UChris de Jager naye utyelele **umlimi uRT Masondo**. ‘Umlimi uReginald ebexakeke ngokulima ukufika kwam efama. Ebenengxaki ngomnye wemiqolo kwisixhobo sokutyalala ebesebenzisa imbewu engaphezu kweyeminye imiqolo. Emva kokukhuphela ngaphandle loo mqolo nokuwuhlola, ndifumanise ukuba izikrweci zembewu zixingile kwaze emva kokuba sizikhulule, isixhobo sokutyalala sasebenza ngendlela efanelekileyo. Okumalunga nokutsha kutshiziwe ukuze sithi xa sifika isichumiso umlimi akwazi ukuqhuba ngokutyalala.’
- Umcebisi uMartin Botha usebenza nomphathi uJurie Mentz kwiofisi yaseLouwsburg. Emva kokutyelela **umlimi uAM Gondo** unike le ngxelo: ‘Ndilihlolile igumbi ebekugcinwe kulo iikhemikhali. Sixoxile ngokutshizwa kweembotyi zesoya saphinda senza imilinganiselo yeOmnia yenkqubo yokondla amagqabi ngehektare saza senza isigqibo ngokuba siza kugalela kangakanani kwitanki yesitshizi. Sitelele amasimi eembotyi zesoya emva koko. Kwiveki ezayo, iimbotyi zesoya ziya kuba zinkulu ngokwaneleyo ukuze sikwazi ukutshiza ukhula kwiindawo ezisesiphakathini ngeRoundup.’
- UMartin Botha uphinde watyelela **umlimi uMB Skosana**. ‘Sihlangene naye kucweyo saze sahlola amasimi. Sixoxe ngokuba ingaba ipateni yokutshiza ibichanekile na elukhuleni olumanzi ukuze sibone ukuba ingakanani iglyphosate efanele ukutshizwa nenokubulala iintlobo zokhula oluthile siphinde saxoxa ngeendleko zesitshizi seglyphosate ngehektare.’ Inkqubo yaseGrain SA yoPhuhliso lwabaLimi izabalazela ukuqinisekisa ukuba akukho mlimi weenozo osala emva! ■